Isiqinisekiso sesibini

Isihloko sesifundo: Isiqinisekiso

Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya

Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo sesiqinisekiso sesibini esithi **“Isiqinisekiso”**

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonkco elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: https://bit.ly/3NACSSHS
2.	Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo: • iBhayibhile • Isifundo esikwimo yePDF esele ilungisiwe • Incwadi yomsebenzi womntwana kunye neepensile, iikhrayoni, njl. • Isiqwana sevideo sisixhobo esongeziweyo / sisixhobo esongezelweyo sokuzikhethela • ICatechism nakwiCatechism kwimiBuzo neeMpendulo (ngokukhethekileyo kwisiqinisekiso) **Qaphela:** 2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemva kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa. . 2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho! ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45. 2.3: Isifundo seseklasi ngaye (Isiqinisekiso 2). 2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesiqinisekso ukuba ufuna naluphina uncedo okanye ufuna nasiphina isixhobo kwezi zingasentla.
3.	Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.

Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekeka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apho wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. **Umzekelo**: Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono lwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana (Nam Ndiyafuna Uku…)
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana okwisiqinisekison 2.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).
4. Nxibelelana kunye nomphathi webandla wesikolo seCawa okanye utitshala wesiqinisekiso ukufumana iincukacha ezongezelelweyo.

Isifundo

Isihloko seSifundo	Isiqinisekiso
Isifundo seBhayibhile ICatechism & Q&A	Akukho kufundwa kweBhayibhile Isahluko 12, imiBuzo neeMpendulo 663-666

Injongo yesifundo	Abaqinisekiswa bayalwazi uxanduva lwabo kwaye bayakwazi ukwenza izifungo zabo ngendlela yokuzinikela.

Isishwankathelo sesifundo:

Kubalulekile ukuba sikuqonde **ukubaluleka kwesiqinisekiso** kunye nendima edlalwa ngabazali bethu. Namhlanje sinako ukubonakalisa umbulelo wethu kubazali bethu ngokugcina izifungo zabo. Kude kube ngumhla wokuqinisekiswa kwethu, abazali bethu baya kuba noxanduva lobomi bethu bomoya. KuBhaptizo lwakho oluNgcwele noTywino oluNgcwele abazali bakho bafunga ukuba bazokukhulisa kwimfundiso yebandla kwaye baphuhlise umphefumlo wakho ngokwemigangatho engcwele.

Siyaluthabatha olu xanduva ngomhla wesiqinisekiso sethu kwaye siya kuba noxanduva ngokupheleleyo kuThixo ngayo yonke into esiyenzayo. Siza kwenza isibhambathiso phambi koThixo. Kubalulekile ke ngoko ukwazi umahluko phakathi **kwemvume, isithembiso kunye nesifungo**.

Imvume - ewe ngokukhawuleza ukwenza into, awuziva unyanzelekile ukugcina ilizwi lakho.

Isithembiso - sinyanzelekile kwaye asizenzi ngokungakhathali isithembiso- sicinga ngeziphumo ezinxulumene nesithembiso.

Isifugo – isifungo syaibophelela kwaye isibhambathiso esenziwe phambi koThixo sinentsingiselo ebaluleke nangakumbi. Sizamela ukusigcina ngentliziyo iphela kwaye siphile ubomi bethu ngokwesifungo. Ngomhla wesiqinisekiso uBawo wethu waseZulwini uyasiqinisekisa esi sifungo kwaye asinike intsikelelo yaKhe.

Isifungo sesiqinisekiso: Cengceleza isifungo

Ndiyamlahla uSathana nayo yonke imisebenzi yakhe neendlela zakhe, ndizinikela kuwe, Thixo Oziqu zithathu, uYise, uNyana, noMoya oyiNgcwele, ngokholo, ngentobelo, nesigqibo sam sokuhlala ndithembekile kuwe kude kube sesiphelweni sam. Amen.

Ngesi sifungo wenza isithembiso (ukwamkela isigqibo sakho) sokuzinikela ngokupheleleyo kuThixo, ukuthobela uThixo oziqu zintathu kwaye ulungelelanise ubomi bakho kwintando yaKhe kunye nesithembiso sokunyaniseka eNkosini. Intsikelelo enxulunyaniswa nesiqinisekiso kukukomeleza kumzamo wakho wokugcina isifungo sakho kwaye uzibonakalise njengoYesu Kristu ngelizwi nangezenzo.

Uludwe lweziganeko kwinkonzo yobungcwalisa kunye nesiQinisekiso luyafana nenkonzo yobungcwalisa yesiqhelo kude kube lixesha lomthandazo weNkosi nangaphambi kokungcwaliswa koMthendeleko oNgcwele. Incwadi evela kwiNtloko yabaPostile iyafundwa ze ilandelwe yintetho yomphathi-nkonzo. Kweli nqanaba abaqinisekiswa babuzwa umbuzo wokuthembeka olandelwa yimpendulo wabo onuu EWE. Isicengcelezo sesifungo sesiqinisekiso siyalandela kwaye emva koko intsikelelo yesiqinisekiso iyathululwa kubaqinisekiswa. Bonke bayanqwenelwa kwaye bayamkelwa baze emva koko babuyele ezihlalweni zabo. Kweli nqanaba, inkqubo yesiqhelo yenkonzo yobungcwalisa iyaqhubeka.

Sithetha ukuthini esi sifundo kuthi namhlanje?

Sifuna ukwazi ngokupheleleyo ngoxanduva lwethu, sisithabathe isifungo sethu ngokunyanisekileyo kwaye sizame ukugcina isifungo sethu sesiqinisekiso.

Eminye imibuzo esinokuyibuza:

1. **Siyintoni isiqinisekiso?**
   Impendulo: *Sisenzo sentsikelelo apho amaKrestu amatsha beBandla elitsha lobuPostile bathabathela uxanduva kubo elenziwa ngabazali babo okanye abagcini babo ngexesha lokubhaptizwa nokutywinwa kwabo.*
2. **Yeyiphi imfuno yokuqala ukuze uqinisekiswe?**
   Impendulo: Kuya kufuneka ukuba ufumene iisakramente zoBhaptizo oluNgcwele kunye noTywino oluNgcwele.
3. **Zithini iziphumo zentsikelelo yokuqinisekiswa?**
   Impendulo: Intsikelelo iyabomeleza abaqinisekiswa kwimizamo yabo yokugcina isifungo sesiqinisekiso kwaye bavakalise uYesu Krestu ngelizw nangezenzo.
4. **Athini amazwi esifungo sesiqinisekiso?**

Impendulo: *Ndiyamlahla uSathana nayo yonke imisebenzi neendlela zakhe. Ndizinikela kuwe, Thixo oziqu zithathu, uYise, uNyana, noMoya oyiNgcwele, ngokholo, ngentobeko, nesigqibo sam sokuhlala ndithembekile kuwe kude kube sesiphelweni sam. Amen.*

5. **Kwenzeka ntoni emva kokuqinisekiswa?**

   Impendulo: Akuba eqinisekisiwe, la maKrestu, afikelele ngoku ekukhuleni ngokomoya, athwala uxanduva olupheleleyo phambi koThixo ngobomi babo bokholo.

Amanqaku ongezelelweyo Bazali abathandekayo

1. Njengenxalenye yomsebenzi wasekhaya, umntwana wakho kufuneka azilungiselele ngokunzulu ukulungiselela isiqinisekiso sakhe.

Umthandazo kaTata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

Thixo onamandla Bawo ongunaphakade, enkosi ngale mini imangalisayo.

Ngombulelo sigoba phambi kwaKho namhlanje kwaye sikubulela ngelinye ithuba lokufunda.

Siyakucela sincede namhlanje ukuze siqonde kwaye sisibambe isifundo kodwa ngako konke, ubuchule bokusisebenzisa kubomi bethu bemihla ngemihla.

Sikucela oku egameni likaYesu.

Amen